

## UKUNYAMEKELA OKUSINGQONGILEYO

### 1

#### Ukongga amanzi

Yintoni esinokuyenza ukuze songe amanzi?

- Qinisekisa ukuba iitepu zivalwe kakuhle xa zingasebenzi.
- Zixele uze uzilungise naziphi na iitepu ezivuzayo, imibhobho, nezixhobo zokunkcshela.
- Linganisa ukusetyenziswa kwamanzi okunkcshela ngeemitha zamanzi.
- Phinda usebenzise amanzi asebenzileyo ukuze unkcncshela igadi.
- Ncuthula izityalo ezingafunekiyo ezidwelisiweyo.

**PHINDA USEBENZISE VALA ITEPU YAMANZI  
AMANZI EMVA  
ASETYENZISIWEYO KOKUYISEBENZISA**



### 2

#### Ncuthula izityalo ezingafunekiyo eziziphumelayo

Kutheni kubalulekile ukuzisusa ezi zityalo nemithi?

- Zityela ezinye izityalo amanzi.
- Zikhulisa ingozi yokubakho kwemililo yamadlelo.
- Ziphazamisa impilo yomhlaba zize zisebenzise izondlo ezenzelwe ezinye izityalo.
- Kunokukhokelela ekutshabalaleni kwezityalo zemvelo

**NCOTHULA IZITYALO EZINGAFUNEKIYO  
EZIZIPHUMELAYO**



### 3

#### Ukuhlaziya nokunciphisa ukuveliswa kwenkunkuma

Kutheni kubalulekile ukunciphisa nokuhlaziya?

- Ukuveliswa nokungalawulwa kakuhle kwenkunkuma kungcolisa imilambo, amadama, imijelo nemihlaba.

**Iindidi ezahlukeneyo zenkunkuma ezifama ziquka:**

- Engahlaziye kiyo
- Ehlaziye kayo
- Enokonakala
- Eyingozi

**NCIPHISA INKUNKUMA UZE UYIHLAZIYE**




### 4

#### Ukunciphisa ukusetyenziswa kombane namafutha

Singakunciphisa njani ukusetyenziswa kombane namafutha?

- Cima izibane, izixhobo nezinye izinto zombane xa zingasebenzi.
- Sebenzisa izithuthi noomatshini ngendlela eyiyo.
- Hamba ngeenyawo okanye ukhwele ibhayisikile kunokuba uqhube isithuthi.
- Hambani njengeqela nabahlobo.
- Kucebe ukudluladlula kwakho emasimini ukuze unciphise ukujika nokuqhuba okungeyomfuneko.

**KUCEBE UKUDLULADLULA KWAKHO EMASIMINI  
ZICIME IZIBANE XA ZINGASEBENZI**



### 5

#### Ukuthintela nokulawula imililo

Ukuthintela kubhetele kunokunyanga:

- Qiniseka ukuba uyicima ngokupheleleyo yonke imililo engasebenziyo.
- Qiniseka ukuba onke amatanki egesi nezibane zeparafini ziyacinywa emva kokusetyenziswa.
- Musa ukuqalisa umlilo ecaleni kwezityalo ezomileyo.
- Hlala uzijongile izilumkiso eziphathelele umlilo ngaphambi kokuqalisa umlilo.

**Yonke imililo idinga izinto ezi-3 ukuze ivuthe:**

- Ubushushu, ioksijini namafutha.
- Ukugalela amanzi emlilweni kuya kuwupholisa kuzo kususe ubushushu.
- Ukufuthanisele umlilo ngesanti kuya kuwuvimba ioksijini.
- Ukuvula umsantsa phakathi kwemimandla etshayo nengatshiyi kuya kuvimba umlilo amafutha owadingayo umlilo ukuze uvuthe.

**IZINTO EZINTATHU EZIKHUTHAZA UMLILO**



### 6

#### Ukuthintela ungcoliseko lweziseko zemvelo

Ukuthintela ungcoliseko lwamanzi:

- Musa ukugungxulela amayeza nemichiza edreyinini.
- Gcina iiloli, amafutha negrisi kude neesinki.
- Yisebenzise kakuhle imichiza yezolimo.

**Ukuthintela ungcoliseko lomhlaba:**

- Yilahle kakuhle inkunkuma - nciphisa, phinda usebenzise, uze uhlaziye!

**Ukuthintela ungcoliseko lomoya:**

- Zisevise rhoqo iimoto nezixhobo.
- Zixele naziphi na iingxaki ezingokulungiswa kweemoto.
- Musa ukutshisa iiplastiki neekhonteyina zemichiza

